



It starts with a story...

Weave your story magic

When we tell our children stories, we spark in them a love of stories. This encourages them to read so that they can discover the stories in books.

One of the ways to make sure that story times are fun and interesting for your children, is by making up your own stories with them. If you've never done this before, John McCormick, author of *Dad, Tell Me a Story*, offers some advice based on his own experience with his sons.

“ Start by asking your children what they want the story to be about. Tell them to say the very first idea that comes into their minds. Do you know what they will say? I do, because children always say the same thing at first: “I don't know.” But don't let them off the hook, encourage them by saying, “Come on, guess. Give me the first idea that pops into your mind.” And your children will.

Even when you come up with a good idea for a story, you're probably going to get stuck part way through. Many times I've got to the halfway point of a story with no idea how to finish on a high note or with a flourish. What do you do? If you get stuck part way through the story, stall for time by asking your children, “Guess what happened next?”

If your children give you a good idea for a direction to take your story, use it. They'll be very excited to hear that you liked their idea and that they've contributed to the story. Even if your children's idea doesn't work, the pause will give you time to think of a new direction for your story! Or perhaps your children's idea isn't quite what works, but close. You can say, “That's a good way to end the story. Here's a similar idea I came up with. Let me know what you think.”

Always remember that our stories do not have to be perfect. The wonder of storytelling is that you will leave your children with a gift they will always treasure . . . the memories of spending time with you making up wonderful and fantastic stories.

You can read more about John McCormick's ideas about family storytelling in his book, *Dad, Tell Me a Story*, and at www.dadtellmeastory.com. For more tips and ideas on storytelling, go to www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

Khawujije iqhoshha lomlingo wakho, wenze amabali

Xa sibalisela abantwana bethu amabali, silumeka umlilo wothando lwamabali kubo. Oku kubakhuthuza ukuba bafunde ukuze bafumanise amabali asezincwadini.

Enye yeendlela zokuqinisekisa ukuba amaxesha okubalisa amabali ngamaxesha olonwabo nanomdla ebanwaneni bakho, kukuqamba amabali kunye nabo. Ukuba awuzange ukhe ukwenze oku, uJohn McCormick, umbhali ka*Dad, Tell Me a Story*, unika iingcebiso ezisekelwe kumava akhe noonyana bakhe.

“ Qala ngokubuzisa abantwana bakho ukuba banqwenela libe malunga nantoni na ibali. Bacele ukuba bakuxelele nayiphi na ingcinga ethe yafika kuqala ezingqondweni zabo. Ingaba uyazi ukuba baza kuthini? Mna ke ndiyazi, kuba abantwana basoloko bethetha into enye kuqala: “Andazi.” Kodwa musa ukubayeka, bakhuthaze ngokuthi, “Hayi bo, qashela. Ndinike nayiphi na ingcinga efike kuqala engqondweni yakho.” Ngokwenene ke abantwana bakho baya kwenza njalo.

Naxa uthe weza nengcinga enile kakhulu yebali, mhlawumbi uye uhlangabezane nengxaki uphakathi ebalini. Kumaxesha amaninzi ndide ndibe sembindini webali, ndisaxakiwe yingcinga endiza kuligqibezela ngayo ibali, ukuze libonakalise umdla okanye lenyuse izibilini xa liqunjelwayo. Wena unokwenza njani? Ukuba uthe waxakwa phakathi ebalini, libazisa, udukise ngokubuzisa abantwana bakho wenjenje, “Qashela ukuba yintoni elandelayo eza kwenzeka?”

Ukuba abantwana bakho bathe bakunika ingcinga elungileyo yokuba ibali lakho liqhube njani na, yisebenzise. Iya kubavuyisa kakhulu into yokuba uyithandile loo ngcinga bakunike yona kwaye nabo babe negalelo ebalini elo. Nokuba loo ngcinga yabantwana bakho ayinakulilungela ibali, ukunqumama kukodwa kuza kukunika ixesha lokucinga ikhondo elitsha elinokuthathwa libali lakho! Okanye mhlawumbi ingcinga yabantwana bakho ithi naxa ingayilungelanga indlela ethathwa libali, kodwa ibe isondele kakhulu kwindlela ibali elihamba ngayo. Ungathi kubo, “Leyo yindlela elungileyo yokuligqibezela ibali. Nantsi enye ingcinga eyelelene kule yenu endiyicingileyo. Khanindixelele ke ukuba nicinga ntoni na ngayo.”

Ngalo lonke ixesha kufuneka ukhumbule ukuba amabali ethu akunyanzelekanga ukuba ahlale engagqibeleleyo. Umlingo wokubalisa amabali kukuba uza kushiya abantwana bakho nesipho abaya kusoloko besixabisile . . . iinkumbulo zokuba nexesha behleli nawe niziqambela amabali amnandi nathabathekisayo.

Ungafunda ngakumbi malunga neengcinga zikaJohn McCormick malunga nexesha losapho lokubaliselana amabali encwadini yakhe ethi, *Dad, Tell me a story*, kunye naku-www.dadtellmeastory.com. Ukuze ufumane iingcebiso neengcinga ezithe vetshe, yiya ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

Read to me. Every day.
Ndifundele. Yonke imihla.





Drive your imagination

Your story

Here is a beautiful drawing inspired by **Nal'ibali**, and some heartfelt writing sent in by two of our readers. We hope you enjoy them!

My little sister

I remember the day mom brought you home. I remember how cute and adorable you were and as I held you in my hands that day, millions of thoughts came into my mind. You had finally arrived into our family and things would never be the same again. You had finally come to take my position of being *iphelo* which is the last born of the family. But I did not mind. Not at all! Because I was so excited to have a sister. A beautiful and kind sister. We lived and I watched you grow very fast. I changed your nappies and I bathed you. I fed you and I played with you. You loved me and I loved you more, my little sister.

My little adorable sister, today you're 8 years old and you keep on shining bright every day. Your voice is my melody and your smile brightens up my day. You call me every week when I'm at school just to say that you miss me. We've had our little fights because you don't always listen, but that's okay because after every fight we've had, we always kiss and make up. My little sister, you inspire me. You are the reason why I want to write stories and poems for young children like yourself and express my love every day.


Ntombovuyo Ngaphu, Umtata, Age: 19



Aneve Msezane, Siyaphaphama Reading Club, Nongoma

ngu-Aneve Msezane, weSiyaphaphama Reading Club, KwaNongoma

Ibali lakho

Nanku umzobo omhle ovuselelwe nguNal'ibali, kwakunye nombalo osuka entliziyweni. Zithunyelwe sisibini kubafundi bethu. Sinethemba lokuba niza kuzonwabela! 

Udade wethu omncinane

Ndikhumbula usuku umama awafika nawe ngalo ekhaya. Ndikhumbula indlela owawumhle nowawuthandeka ngayo ukukufunqula kwam okokuqala ngolo suku, ndafikelwa yintaphane yeengcinga engqondweni yam. Wawude wayinxalenye yosapho lwethu kwaye izinto zazingasayi kuphinda zifane nangaphambili. Wawude wafika ukuza kuthatha indawo yam yokuba liphelo kusapho lwakuthi. Kodwa kwakungandikhathazi oko. Nakanye! Kaloku ndandonwatyiswe kukuba ndandiza kuba nodade wethu. Udade wethu omhle nonobubele. Sahlala, ndikubukele ukhula ngokukhawuleza. Ndanditshintsha amalweyile akho, ndikuhlamba. Ndandikutyisa, ndidlala nawe. Wawundithanda nam ndikuthanda ngaphezulu, msakwethu.

Dade wethu othandeka kunene, namhlanje uneminyaka esi-8 kwaye kuba ngasa uqhubeka nokuqaqamba. Ilizwi lakho yingoma emyoli kum kwaye noncumo lwakho lundonwabisa imini yonke. Undifonela rhoqo evekini xa ndisesikolweni

undixelela ukuba uyandikhumbula. Sibe nazo ingxabanwana zethu kuba awumameli ngamanye amaxesha, kodwa yinto engenamsebenzi leyo kuba emva kwengxabano nganye siphinde sixolelane, sivane kwakhona. Msakwethu, uyandivuselela. Usisizathu esibangela ukuba ndifune ukubhalela abantwana abancinane nabangangawe amabali nemibongo, ukuze ndivakalise uthando lwam yonke imihla.

nguNtombovuyo Ngaphu, eMthatha, Obudala buli-19

Why don't you also send us your writing and pictures? You'll stand a chance of having them published in the Nal'ibali supplement, or on the Nal'ibali website. (Remember: it has to be all your own work!) Send them to: info@nalibali.org, or PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700.

Kutheni wena ungasibhaleli nje, uze usithumelele neyakho imifanekiso? Ungasethubeni lokubona oko kupapashwe kuhlelo lweNal'ibali, okanye kwiwebhusayithi yeNal'ibali. (Khumbula: kufuneka konke oku ibe ngumsebenzi wakho ncakasana!) Thumela okubhalileyo nemifanekiso yakho kule dilesi: info@nalibali.org, okanye ku-PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700.



Send us your reading moments and WIN!

Whether it's a photo of your child enjoying a bedtime story or a picture of them reading their first book, send us your children's reading moments to inspire others to create reading moments with their children too. Simply email your reading moment picture to info@nalibali.org, or share it on Twitter using the hashtag #ReadingMoments. If selected, your photo will appear on the Nal'ibali Facebook page, and you will receive a book to enjoy with your children, as well as a Nal'ibali T-shirt!

Sithumelele amaxeshana okufunda akho uze UPHUMELELE!

Nokuba yifoto yomntwana wakho esonwabela ibali laphambi kokuba alale okanye umfanekiso wabo befunda incwadi yabo yokuqala, sithumelele amaxeshana okufunda omtwana wakho ukuze avuselele abanye benze awabo amaxeshana okufunda nabantwana babo. Thumela nge-imeyili umfanekiso wamaxeshana akho okufunda kule dilesi: info@nalibali.org, okanye wabelane nabanye ngawo ku-Twitter usebenzisa i-hashtag #Reading Moments. Ukuba ukhethiwe, umfanekiso wakho uya kupapashwa kuFacebook wethu wakwaNal'ibali, kwaye uya kufumana incwadi onokuyonwabela nabantwana bakho kwakunye nesikipa seNal'ibali!

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine


1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



... through the tunnel ...
 ... urhubulize ngaphakathi etoneleni ...



"This is a tunnel. You walk in on
 the one side, ...
 'Eli l!tonela. Ungena kweinye
 icala letonela, ...



Fold

About the author

Tuft and Patch play games is part of a series of books by Wendy Hartmann.


Wendy, who has had more than 40 children's books published, lives in Table View. Apart from writing, she also paints.

In 2007 her book *Nina and Little Duck* was awarded the coveted M.E.R. Prize for illustrated children's books. Her book *In a House, in a House* was on the shortlist for the 2010 M.E.R. Prize and *Just Sisi* won the 2011 M.E.R. Prize for best illustrated children's book.

Sisi Goes to School, published by Human & Rousseau, is her latest book and is in bookstores now.




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

Tuft and Patch
 play games
 UTuft noPatch
 badlala imidlalo



Wendy Hartmann

Fold




... swing backwards and forwards."
"... ujinga uye ngasemva uphinde
uye ngaphambili!"




Fold

... and out on the other side."
"... uze uphume kweinye icala."



"Hello, Tuft," said Patch. "I have some games to show you."

"Molo, Tuft," watsho uPatch. "Kukho imidlalo endifuna ukukubonisa yona."



"I am so glad you are my pet, Patch."

"Ndivuya kakhulu usisilo-qabane sam, Patch."


Fold

“And this,” said Tuft to Patch,
“Oku ke,” watsho uTuft kuPatch,



Fold

“And this is a swing. You sit in the
middle and ...
“Lo ke ngu! Uhlala phakathi uze ...




Tuft followed his pet python.

UTuft walandela inamba
esisilo-qabane sakhe.

Fold 5

... and slide down,
down,
"down."
... uze utyibilike uhle,
uhle,
uhle."



Fold

"!s a hug."
"kukwanga."



"This is a slide," said Patch. "You climb to the top ...

"Lo ngumtyibilizi," kutsho uPatch.
"Uyagwencela ude ufike phezulu ...



"You hold both sides and squeeze," said Tuft.

"Ubamba macala omabini uze ukhame kancinane," watsho uTuft.

Fold



Get story active!

Tuft and Patch play games has been written especially for younger children. Below are some ideas to try out as you read the story with them. Draw their attention to the details in the illustrations and the story by commenting on them or asking questions such as the following.

- **page 2:** (Point to the yellow bird.) Look at Tuft. What do you think he is doing?
- **pages 4 and 5:** (Point with your finger to show Tuft going down.) Look, Tuft is sliding down Patch! Do you think he's going quickly or slowly? Do you like going down a slide?
- **pages 6 and 7:** (Point with your finger to show Tuft going backwards and forwards.) Look at Tuft swinging backwards and forwards, backwards and forwards. Let's swing our arms backwards and forwards.
- **page 9:** Where do you think Tuft is?
- **page 10:** (Point to Tuft before reading the words.) Oh look, there he is!
- **page 13:** Look, Tuft is giving Patch a hug. Let me hug you too!

Here are some ideas for using *Tuft and Patch play games* with older children.

- Let them read the book in their mother-tongue first and then in the other language of the supplement.
- Can they think of other games Patch and Tuft could play using Patch's body? Encourage the children to draw pictures of these games. They can then write about their pictures.

Yenza ibali linike umdla!

Ibali elisihloko sithi, *UTuft noPatch badlala imidlalo libali elibhalwe ngokukodwa libhalelwa abantwana. Ngezantsi kukho iingcinga eninokuzizama njengokuba nifunda ibali. Tsalela umdla wabo kwiinkcukacha ezisemfanekisweni nasebalini ngokwenza amagqabantshintshi ngayo okanye ubuze imibuzo efana nale ilandelayo.*

- **kwiphepha lesi-2:** (Yolatha kwintaka emthubi.) Jonga kuTuft. Ucinga ukuba wenza ntoni?
- **kwiphepha lesi-4 nelesi-5:** (Yolatha ngomnwe wakho ubonisa ukuhla kukaTuft emtyibilizini.) Jonga, uTuft utyibilika, esihla phezu kukaPatch! Ucinga ukuba utyibilika ngokukhawuleza okanye uyacotha? Ingaba wena uyakuthanda ukutyibilika emtyibilizini?
- **kwiphepha lesi-6 nelesi-7:** (Yolatha ngomnwe wakho ubonisa uTuft ejinga emane esiya ngaphambili nangasemva.) Jonga uTuft uyajinga, umane esiya ngaphambili nasemva aphinde aye ngaphambili nasemva. Makhe sijiwuzise iingalo zethu, siphindaphinda ukuzisa ngaphambili nangasemva.
- **kwiphepha lesi-9:** Ucinga ukuba uphi uTuft?
- **kwiphepha le-10:** (Yolatha uTuft phambi kokuba ufunde amagama.) O, jonga, nankuya!
- **kwiphepha le-13:** Jonga, uTuft wanga uPatch. Sondela ndikwange nawe.

Nazi ezinye iingcinga onokuzisebenzisa kunye nabantwana bakho abadala kwibali elisihloko sithi, *UTuft noPatch badlala imidlalo*

- Bavumele ukuba bayifunde incwadi ngolwimi lwabo lwasekhaya kuqala baze bayifunde ngolunye ulwimi olu uhlelo lubhalwe ngalo.
- Ingaba ikhona eminye imidlalo abanokuyicinga enokudlalwa nguTuft noPatch kusetyenziswa umzimba kaPatch? Khuthaza abantwana bazobe imifanekiso yale midlalo. Emva koko bangabhala malunga nale mifanekiso yabo.

Make a mobile

Make your own Tuft and Patch mobile. Cut along the dotted line and watch Patch uncurl! Hang up your mobile from the tail-end of Patch's body.

Yenza isihombiso esigangxwayo

Zenzela esakho isihombiso esigangxwayo sikaTuft noPatch. Sika ulandela umgcana ongamachaphaza uze ubukele uPatch esombuluka! Sixhome isihombiso sakho ngomsila kaPatch.



Reading club corner

September is a month with lots of opportunities for you to celebrate books, writing and reading! Look out for our next supplement and join us in celebrating International Literacy Day. You might also choose one or two of the other days to celebrate. You could choose to read a traditional South African story as well as stories that have something to do with Spring (or new beginnings), trees and pirates this month. Or, read a story in one language and then translate it into another.

September	Heritage month
1-6 September	National Book Week
1-7 September	Arbor Week
1 September	Spring Day
8 September	International Literacy Day
15 September	International Democracy Day
19 September	International Talk-like-a-pirate Day
24 September	Heritage Day
30 September	Translation Day



Ikona yeklabhu yokufunda

EyoMsintsi yinyanga enamathuba amaninzi okubhiyozela incwadi, ukubhala kunye nokufunda! Gada uhlelo lwethu oluzayo uze usijoyine xa sibhiyozela uSuku lweLitheresi lwaMazwe ngaMazwe. Mhlawumbi ungakhetha nolunye usuku okanye ezimbini kwezi onokuthi uzibhiyozele ngale nyanga. Ungakhetha ukufunda ibali lemveli laseMzantsi Afrika okanye amabali abhekiselele kwiNtwasahlobo (okanye iqalo elitsha), imithi kunye nabaphangi baselwandle ngale nyanga. Okanye ungafunda ibali ngolunye ulwimi uze uliguqulele kolunye.

EyoMsintsi	yinyanga yaMafa eMveli
1-6 kweyoMsintsi	iVeki kaZwelonke yeNcwadi
1-7 kweyoMsintsi	iVeki yokuTyala iMithi nezityalo
1 kweyoMsintsi	uSuku lokuqala lweNtwasahlobo
8 kweyoMsintsi	uSuku lweLitheresi lwaMazwe ngaMazwe
15 kweyoMsintsi	uSuku loLawulo ngeNtando yeSininzi lwaMazwe ngaMazwe
19 kweyoMsintsi	uSuku lokuThetha njengomphangi waselwandle lwaMazwe ngaMazwe
24 kweyoMsintsi	uSuku lwaMafa eMveli
30 kweyoMsintsi	uSuku lokuGuqulela kolunye ulwimi

Story corner

Here is the second part of a well-known traditional story about a special bird and a greedy woman. Enjoy reading it aloud or retelling it.

The guinea fowl that laid golden eggs (Part 2)

Retold by Helen Brain

Every morning after that the family found a golden egg in the cage. Soon they had everything their hearts desired: a new house, a shiny black car, a big screen TV, and lots of lovely clothes to wear. Every night they feasted on the best food, and everyone in their town envied them.

But Pumla wasn't happy. "I want more things! Guinea Fowl, lay me two eggs a day," she demanded.

"I can only lay one egg per day," squawked the bird.

"But I need a bigger house," Pumla said. "I want a better car – a red one this time, and I want to travel around the world, and ..."

"But we are so rich," grumbled Mzi. "Why can't you just be happy?"

"I want more," said Pumla. "I want two eggs every day. I want to be the richest person in the whole country."

"Well, I can't," clucked the guinea fowl. "I can only lay one egg a day."

"You have to," said Pumla, waving the axe. The guinea fowl was so scared its legs wobbled and then ... it pushed and strained and squawked and squeaked and ... out popped another egg! Every day it managed to squeeze out two eggs.

A few weeks later Pumla was dissatisfied again. "I want three eggs a day," she said. "I want to be the richest person in the whole of Africa."

"I can't lay three eggs a day," gasped the guinea fowl.

"Try harder!" shrieked Pumla. "Give me three eggs right this minute, or I will chop off your head!"

The frightened guinea fowl squawked and then it pushed and strained and out popped one egg. Then it pushed and strained and squeezed and squawked and finally out popped a second egg.

"One more," shouted Pumla, "or I will chop you into little bits!"

The guinea fowl pushed and strained and pushed and strained again, and suddenly ... she fell over dead.

"Now see what you've done!" shouted Mzi. "The poor guinea fowl is dead."

"Let's cut it open," cried Pumla. "It must be full of eggs." She grabbed a knife and cut open the guinea fowl's stomach. But, there were no eggs inside, and they never found a golden egg again.



Illustration by Samantha van Riet
Umfanekiso nguSamantha van Riet

Tell us if you liked the story, *The guinea fowl that laid golden eggs* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yesibini yebali lemveli elaziwayo kakhulu elimalunga nentaka ekhethekileyo kunye nomfazi onyulukileyo. Yonwabela ukulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona.

Impangele eyayizalela amaqanda egolide (Inxalenye 2)

Libaliswa kwakhona nguHelen Brain

Emva koko, qho kusasa usapho lwalufumana iqanda legolide ehokweni. Ngethutyana elingephi babanayo yonke into abayinqwenelayo: indlu entsha, umnyobo wemoto emnyama, umabonwakude omkhulu kwakunye neempahla ezininzi nezintle zokunxiba. Rhoqo ngokuhlwa babesiba nesidlo sokona kutya kumnandi, kwaye wonke ubani kwidolophu yabo wayenqwenela obo bomi babo.

Kodwa uPumla wayengonwabanga. "Ndifuna ezinye izinto! Mpangele, ndizalele amaqanda amabini ngosuku," wayiyalela watsho.

"Ndikwazi ukuzalela iqanda elinye kuphela ngosuku," ikhale yatsho intaka.

"Mna ndifuna indlu enkulu kunale ndinayo," watsho uPumla. "Ndifuna imoto engcono kunale – ebomvu kweli tyeli kwaye ndifuna nokukhenketha ihlabathi, kwakunye ..."

"Kodwa sele sizityebi nje," ungenelele ngomsindo esitsho uMzi. "Kutheni ungoneli kangaka?"

"Ndifuna okungaphezulu koku," watsho uPumla. "Ndifuna amaqanda amabini ngemini. Ndifuna ukuba sesona sityebi kulo lonke eli lizwe."

"Hayi ke, andikwazi," yakokoza isitsho impangele. "Ndizalela iqanda elinye kuphela ngemini."

"Unyanzelekile," watsho uPumla, ejwuzisa izembe. Impangele yoyika kakhulu kangangokuba imilenze yayo yangcangcazela ... yatyhala ibulaleka, yakhala itswina kwaze kwaphuma neline iqanda! Yonke imihla yakwazi ukuzityhala, izalele amaqanda amabini.

Kudlule iivekana nje ezimbalwa waphinda uPumla akonwaba. "Ndifuna amaqanda amathathu ngosuku," watsho. "Ndifuna ukuba ngoyena mntu osityebi kwi-Afrika iphela."

"Andikwazi ukuzalela amaqanda amathathu ngemini," ikhefuzele yatsho impangele.

"Zama kangoko!" watsho ngomsindo uPumla. "Ndinike amaqanda amathathu ngawo lo mzuzu okanye ndiza kukunqumla intloko!"

Impangele eyoyikayo yakhala yaza yatyhala ibulaleka kwade kwaphuma iqanda lalinye. Yaphinda yatyhala ibulaleka yacinezela yakhala kwaze ekugqibeleni kwaphuma iqanda lesibini.

"Elinye kwakhona," wakhwaza uPumla, "okanye ndiza kukunqunqa ube zizicwili!"

Impangele yatyhala ibulaleka yatyhala, yatyhala ibulaleka kwakhona, yaze ngephanyazo ... yathi qikili yafa.

"Jonga ke into oyenzileyo!" kukhwaze uMzi. "Usizana lwempangele lufile."

"Masiyiqwangqulule," kukhale uPumla. "Inokuba izele ngamaqanda ngaphakathi." Wathi hlasi imela wayiqwangqulula impangele. Kodwa kwakungekho maqanda ngaphakathi, kwaye abazange baphinde balifumane iqanda legolide kwakhona.

Sixelele ukuba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *Impangele eyayizalela amaqanda egolide* – SMS u-"Bookmark" negama lakho namagqabantshintshi akho ngebali ku-32545. I-SMS nganye ixabiso i-R1,00.

In your next Nal'ibali supplement:

- Things you need to know about literacy
- A cut-out-and-keep book, *I know that!*
- Ideas for celebrating International Literacy Day
- A special Nal'ibali International Literacy Day poster

Don't have time to get to the library or running out of stories to share with your little ones? Visit www.nalibali.mobi to access stories on your phone – anywhere, anytime – and in a range of South African languages! (Standard data rates apply.)



Find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane ku-Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA

Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Izinto ekufuneka uzazi malunga nelitheresi
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine esihloko sithi, *Ndiyazi!*
- Iingcebiso zokubhiyozela uSuku lweLitheresi lwaMazwe ngaMazwe
- Ipowusta ekhethekileyo yeNal'ibali yoSuku lweLitheresi lwaMazwe ngaMazwe

Ingaba akunalo ixesha lokuya kwithala leencwadi okanye uphelelwe ngamabali onokwabelana ngawo nabantwana bakho? Ndwendwela ku-www.nalibali.mobi ukuze ufumane amabali kwifoni yakho – naphi na, nanini na ngeelwimi ezahlukileyo zoMzantsi Afrika! (Kuhlululwa amaxabiso edatha esiqhelo.)

